



Edition 54
IsiXhosa, English

It starts with a story...

Read every day!

For the past two years Nalibali has been encouraging you to read to your children regularly – just 15 minutes a day, every day! But why is this very small action so very important? Here are some of the reasons.

- Things that are part of the rhythm of the everyday life of a child, soon become a habit. The easiest way to instill the reading habit in children is to use their love of stories. When you read with them every day, they come to see reading as natural and something that people do every day – just like eating, sleeping and brushing your teeth!
- When children are read to every day, they learn that their lives include the pleasure and satisfaction of a good story. Looking forward to story time is an

important step in becoming a lover of books and a life-long reader.

- Reading to children every day no matter how busy you are, means you are making time for them. This shows them that they are important to you. "Come! Sit here with me and let's read this together," sends them a loving message. The memory of spending relaxed and satisfying story times with you, will stay with your children throughout their lives.
- Children learn to read by first being read to and then learning how to do it for themselves. When you read to young children, you show them how books work – how the pictures and words work together to tell the story, how the words in a book stay the same every time you read them, and how the words we read

have meaning. Knowing these things helps children learn how to read for themselves later on.

- Reading to your children every day – no matter what their ages – is also a good way to get to know what interests them and to let them know what interests you. It's not only reading together that makes a difference, but also the discussions you have about the characters and things that happen in the story. Talking about these things develops their thinking, imagination, language and their understanding of people. It helps them to develop into thoughtful and compassionate human beings.

For more information on reading with your children, visit "Tips and Topics" on www.nalibali.org or www.nalibali.mobi.

Funda yonke imihla!

Kule minyaka mibini idlulileyo uNal'ibali ebesoloko ekukhuthaza ukuba ufundele abantwana bakho rhoqo – imizuzu nje eli-15 ngosuku, yonke imihla! Kodwa kutheni lo msetyenzana mncincanana kangaka ubaluleke ngolu hlobo? Nazi ezinye zezizathu zoku.

- Izinto eziyinxalenye yesingqi sobomi bemihla ngemihla bomntwana, ziba yimikhwa yesiqhelo ngethutyana elingephi. Eyona ndlela ilula yokutyala imbewu yokufunda ebantwaneni kukungena ngothando lwabo lwamabali. Xa ufunda kunye nabo yonke imihla, baye bakubone ukufunda njengento edaliweyo neyenziwa ngabantu imihla ngemihla – kanye njengokutya, ukulala kunye nokuxukuxa!
- Xa abantwana befundelwa yonke imihla, bafunda ukuba ubomi babo buquka ubumnandi kunye nolwaneliseko ngebali elimnandi. Ukuthakazelela ixesha lokufundelwa ibali linyathelo elibalulekileyo ekubenzeni abathandi beencwadi nabafundi ubomi babo bonke.

- Ukufundela abantwana yonke imihla nokuba uxakeke kangakanani na, kuthetha ukuba ubabela kwixesha lakho. Oku kubonakalisa ukuba babalulekile kuwe. Ukuthi: "Yiza! Masihlale apha phantsi kunye sifunde eli bali," kuthumela umyalezo wothando. Iinkumbulo zokuhlala nichithe ixesha niphumle, nifunda amabali onwabisayo kunye nabantwana bakho baza kuhlala bezigcinile ubomi babo bonke.
- Kuqala abantwana bafunda ngokuthi bafundelwe baze bafunde ukuzifundela ngokwabo. Xa ufundela abantwana abancinane, ubabonisa indlela iincwadi ezisebenza ngayo – indlela imifanekiso namagama asebenza ngayo ukubalisa ibali, indlela amagama ahlala ngayo, engaqukiyo ngalo lonke ixesha uwafunda, nendlela amagama esiwafundayo anentsingiselo ngayo. Ukuzazi ezi zinto kunceda abantwana bafunde ukuzifundela kwixesha elizayo.
- Ukufundela abantwana bakho yonke imihla – nokuba bangakanani na ngobudala – isekwayindlela elungileyo yokwazi izinto abanomdla kuzo nabo bazi onomdla kuzo.

Asikokufunda kunye kuphela okwenza umahluko, kodwa neengxoxo eninazo ngabalinganiswa nezinto ezenzeka ebalini nazo zenza umahluko. Ukuthetha ngezi zinto kuphuhlisa ukucinga kwabo, amandla okwenza imifanekiso-ngqondweni nengqikelelo, ulwimi kunye nokuqonda abantu. Oku kubanceda bakhule bengabantu abacingayo nabanothando kwabanye abantu.

Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe ngokufunda nabantwana bakho, ndwendwela icandelo lethu elithi, "Tips and Topics" ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi.



Drive your imagination

Read to me. Every day.
Ndifundele. Yonke imihla.





Story stars

Giving back

Nal'ibali's partner, the South African Education and Environment Project (SAEP), is a Cape Town-based non-profit organisation that aims to empower people through education. One of the ways in which they support young people, is through a programme that offers training and support in the year after they finish school. We spoke to Msawenkosi Ndyalivane, Nande Yola, Sihle Jacob and Yamkela Mlomo who are part of the programme, and the programme co-ordinator Zimkhitha Ndinga, to find out more about their time volunteering at Siyazakha Primary School in Phillipi.

What motivates you to volunteer?

The idea of giving back to our community and the joy we see in the children's eyes every time we go for the reading sessions, motivates us. We also know that the children get a lot from the sessions.

What are your top three tips for encouraging a love of reading in children?

1. Make reading fun and not something that children *have* to do, but rather something that they *want* to do because it is fun and feels worthwhile.
2. Involve them in all the reading activities, from choosing a book or story to allowing them to read or tell the story.
3. Encourage children to be creative and to use their imaginations.

What is your favourite book to read to children?

The children's version of *Long walk to freedom* by Chris van Wyk. It is a real-life fairy tale. *Long walk to freedom* is a story of hope. It is the story of Nelson Mandela, who had humble beginnings and put in hard work to achieve his dream.

What is the value of stories?

They educate us, encourage our curiosity and make us use our imaginations!

What is the greatest lesson you have ever learnt from a book or story?

Never judge a book by its cover. Take time to read it!

Life without books would be ...

... miserable, boring and uninteresting.



SAEP volunteers with a group of children from Siyazakha Primary School
Amavolontiya kaSAEP kunye neqela labantwana baseSiyazakha Primary School

Iimbilasane zamabali

Igalelo lembuyekezo eluntwini

Iqabane likaNal'ibali, iSouth African Education and Environment Project (SAEP), ngumbutho ongajonganga nzuzo oseKapa, ojolise ekuxhobiseni abantu ngemfundo. Enye yeendlela abaxhasa ngazo ulutsha, yinkqubo ebonelela ngoqeqesho kunye nenkxaso kunyaka osemva kokuba begqibile ukufunda. Sincokole noMsawenkosi Ndyalivane, uNande Yola, uSihle Jacob noYamkela Mlomo abayinxalenye yale nkqubo, kunye nomququzeleli wale nkqubo uZimkhitha Ndinga, ukuze sifumanise ngaphezulu malunga nexesha abavolontiya ngalo kwisikolo samaBanga aphantsi iSiyazakha esisePhillipi. Phakathi kweempendulo abazinikileyo, sikhethe ezi:

Yintoni enikhuthaza ukuba nivolontiyi?

Ingcingane yokwenza igalelo lembuyekezo kuluntu lwethu kunye novuyo esilubona emehlweni abantwana rhoqo xa size kwixesha lokubafundela, iyasikhuthaza. Kananjalo siyazi ukuba abantwana bazuzela lukhulu kwezi seshoni.

Zithini ezona ngebisio zintathu zenu ziphambili zokukhuthaza uthando lokufunda ebantwaneni?

1. Yenza ukufunda kube lixesha lokuwaba hayi into *abanyanzelekileyo* ukuba bayenze, kodwa ibe yinto *abazifunelayo* ukuyenza kuba ibonwabisa kwaye inexabiso kubo.
2. Babandakanye kuyo yonke imisebenzi yokufunda, ukususela ekukhetheni incwadi okanye ibali ukuya ekubavumeleni bafunde okanye babalise ibali.
3. Khuthaza abantwana babengamagcisa kwaye basebenzise amandla okwenza imifanekiso-ngqondweni nengqikelelo.

Yeyiphi eyona ncwadi uthanda ukuyifundela abantwana?

Yincwadi ebhalelwe abantwana nguChris van Wyk nesihloko sithi, *Long walk to freedom*. Yintsoni yobomi bokwenene. Iballi elithi, *Long walk to freedom* libali lethemba. Libali likaNelson Mandela, ophuma kusapho oluhluphekayo nowathi wasebenza nzima ukuphumeza iphupha lakhe.

Yintoni ixabiso lamabali?

Amabali ayasifundisa, akhuthaza ukufuna kwethu ukwazi kwaye asenza sisebenzise ingqikelelo namandla okwenza imifanekiso-ngqondweni!

Sesiphi esona sifundo usifunde encwadini okanye kwibali?

Ungaze ugqibe ngencwadi ngokuyijonga eqweqweni kuphela. Zinike ixesha lokuyifunda!

Ubomi ngaphandle kweencwadi bebuza kuba ...

... bubi, bukrule kwaye bunganiki namdla.



Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.40 a.m.

SAfm on Monday, Wednesday and Friday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya kuLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.40.


SAfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.





She poked her head into Baba Jive's club. Little Chico was nowhere to be seen.

"Oh, Little Chico," sighed Mama Jumbo tearfully, "where can you be?"

Wakroba kwindawo yomjuxuzo kababa Jive. Nkqi ukumbona uLittle Chico.

"Owu, Little Chico," watsho ngesingala uMama Jumbo enyembazana, "ingaba uphi?"



She peeped into Bro Vusi's mobile library. But she could not see Little Chico.

Wakroba kwinkqwelo elithala leencwadi kabro Vusi. Kodwa akazange ambone uLittle Chico.

Fold

Zanzibar Road Indlela iZanzibar



Niki Daly



This is an excerpt from the book *Zanzibar Road* by Niki Daly, published by Giraffe Books, which is an imprint of Pan Macmillan South Africa. The delightful follow-up, *Next Stop – Zanzibar Road*, is also available in bookstores and from online retailers.

With a heart as big as Africa, Mama Jumbo arrives on Zanzibar Road ready to build a house, make new friends and settle down.

In five hilarious chapters, Niki Daly introduces a colourful and entertaining cast of characters who will delight children of all ages.

Welcome to Zanzibar Road!

Niki Daly's high regard for children is always beautifully expressed through the books he creates for them. He has won numerous awards at home and abroad for his lyrical writing and gently humorous illustrations.

This story is also available in the following languages: isiZulu, isiXhosa, siSwati, isiNdebele, Sesotho, Sesotho sa Leboa, Lesotho Sesotho, Setswana, tshiVenda, xiTsonga and Portuguese. To find out more about Pan Macmillan and its imprints and titles, go to www.panmacmillan.co.za.

©Giraffe Books/Pan Macmillan South Africa (African Rights) Tel: (011) 731 3400

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



INal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your imagination

Fold

Ngokukhawuleza, wehlisa indlela esiya kumkhangelo.
Wangena kwivenkilana iLouie-Louie.
Kodwa akazange ambone uLittle Chico.

Quickly, she set off down the road to look for
him. She popped into Louie-Louie's Spa. But
she could not see Little Chico.



Fold



Where's Little Chico?
Ingaba uphi uLittle Chico?



"I'm glad you're happy," said Mama Jumbo. "But no
more sitting on heads!"



"Ndiyavuya xa wonwabile," watsho uMama Jumbo.
"Kodwa uze wohlukane nokuchopha ezintloko!"

Fold

Poor Mama Jumbo walked all over town, but still she could not find Little Chico.


"Why are you looking so sad, Mama Jumbo?" asked Juju.

"I've lost Chico! And now my heart is broken," she cried. "Just wait until I find him. I'll pull his tail for making me worry so."

Usizana olunguMama Jumbo lwakhangele idolophu yonke kodwa nqk ukumbona uLittle Chico.

"Kutheni ukhangeleka lusizi kangaka nje, Mama Jumbo?" wabuza uJuju.

"Ndilahlekelwe ngu Little Chico! Ngoko intliziyo yam ibuhlungu," wakhala. "Apho ndimfumene khona. Ndizakumtsala ngesisila ngokundikhatthaza kangaka."



Kodwa uMama Jumbo akazange ambone naphi na uLittle Chico.

"Owu nkos!," utsho ngesingqala, "mhlawumbi, uLittle Chico akasathandi ukuhlala nam. Okanye ulahlekile."



But Mama Jumbo could not see Chico anywhere.

"Oh dear," she said with a sigh. "Perhaps Little Chico does not want to live with me anymore. Or maybe he has got lost."

Now the day was done, and Mama Jumbo felt disappointed.

"I wanted so much to spoil you today," she said sadly.

"Oh, Mama, I've had a lovely day!" said Little Chico. "I've looked under the bed. I've looked over the roof. I've been to Louie-Louie's Spaza, filled with sweets and nice smells. Then I popped into Bro Vusi's mobile library and saw lots and lots of books. I heard jazzy music in Baba Jive's club. And now we are having a mielie braai and watching the sun go to bed."

Ngoku imini yayisiya ngasekupheleni, uMama Jumbo waziva edanile.

"Bendifuna ukukufekethisa ke namhlanje," watsho kalusizi.

"Owu, Mama, ndibenosuku olumnandi!" watsho uLittle Chico. "Ndikrobe phantsi kwebhedi. Ndajonga phezu kwendlu. Ndaya kwivenkilana iLouie-Louie, egcwele ziilekese namavumba amnandi. Ndaza ndakroba kwinkqwelo elithala leencwadi kaBro Vusi nalapho ndibone inqwaba yeencwadi. Ndeva umngqungqo we jazz endaweni yomjuxuzo kaBaba Jive. Kanti ngoku soja umbona kwaye sibukele ilanga lisiya kulala."

Mama Jumbo woke up feeling very excited.

"What a lovely day for spoiling my Little Chico," she thought.

But when she looked for Little Chico, she could not find him.

UMama Jumbo wavuka eziva echulumance ngeyona ndlela.

"Olu lusuku olulungele ukuba ndifekethise uLittle Chico," ucinge wenjenjalo.

Kodwa akukhangele uLittle Chico, akazange amfumane.



Wakhangela ngaphandle.

She looked outside.

She looked inside.



Wakhangela ngaphakathi.

Wagithetheka ujuju. "Owu, Mama Jumbo. ULittle Chico uchophe apha kuwe entloko!"
 "Little Chico, uchophe entloko kum?" wabuza engxola uMama Jumbo.
 "Ewe, ndichophe khona," waphendula uLittle Chico.
 "Tsiba wehle apho ngoku!" watsho uMama Jumbo.



Juju laughed. "Oh, Mama Jumbo. Little Chico is sitting on your head!"
 "Little Chico, are you sitting on my head?" scolded Mama Jumbo.
 "Yes, I am," said Little Chico.
 "Well, jump down at once!" said Mama Jumbo.

Mama Jumbo was so pleased to see her darling that she did not pull his tail. Instead, she hugged him.



UMama Jumbo wayonwabe kakhulu kukubona intandane yakhe kangokuba akazange ayitsale ngasisila. Ndaweni yoko wasuka wayanga.



Get story active!

Here are some activities based on the story, 'Where's Little Chico?' from *Zanzibar Road* for you and your children to try.

- As you read the story together, make comments that help your children to explore the story. For example, after reading page 8, you could say, "I wonder why Mama Jumbo looks for Little Chico in the mobile library. Can you think why?"
- Draw your children's attention to the details in the illustrations. For example, spend time looking at and talking together about:
 - Mama Jumbo's unusual bed (page 2)
 - what Louie-Louie sells at his spaza (page 7)
 - what the people in Baba Jive's club are doing (page 9)
 - how Mama Jumbo feels about Little Chico (page 13).
- Ask your children if they can think of reasons why Mama Jumbo doesn't know that Little Chico is on her head the whole time.
- At the end of the story, Little Chico tells Mama Jumbo that he has enjoyed his day even though they haven't really done anything special. What do you and your children enjoy doing together? Talk together about the ordinary, everyday things that you all enjoy doing.
- Encourage your children to write a letter or short message from Little Chico to Mama Jumbo. Or, let them write letters or messages to people they love – and then send or deliver them!
- Suggest that your children draw their own pictures of Mama Jumbo and Chico. Or, they could draw a picture of themselves and someone who loves them very much. Encourage them to write something to go with their pictures.

Yenza ibali linike umdla!

Nantsi eminye imisebenzi esekelwe kwibali elithi, "Ingaba uphi uLittle Chico?" elivela ku-*Indlela iZanzibar* ebekelwe ukuba wena nabantwana bakho niyizame.

- Njengokuba nifunda ibali kunye, yenza amagqabantshintshi ayakunceda abantwana bakho ukuba baphonononge ibali. Umzekelo, emva kokufunda iphepha 8, ungathi, "Andazi ukuba kutheni uMama Jumbo ekhangela uLittle Chico kwinqwelo elithala leencwadi. Nicinga ukuba kutheni?"
- Tsalela umdla wabantwana bakho kwiinkcukacha ezinikwa yimifanekiso. Umzekelo, chithani ixesha nijonge kwaye nincokola nonke malunga:
 - nebhedhi kaMama Jumbo engaqhelekanga (ephepheni lesi-2)
 - ngezinto ezithengiswa kwivenkilana iLouie-Louie (ephepheni lesi-7)
 - ngokwenziwa ngabantu kwindawo yomjuxuzo kaBaba Jive (ephepheni le-9)
 - uziva njani uMama Jumbo ngoLittle Chico (ephepheni le-13).
- Buza abantwana ukuba bacinga ukuba zizathu zini ezibangela ukuba uMama Jumbo angazi ukuba uLittle Chico usentloko kuye lonke ixesha eli.
- Ekupheleni kwebali, uLittle Chico uxelela uMama Jumbo ukuba ulonwabele usuku lwakhe nangona bengenzanga nto ikhethekileyo nje. Yintoni wena nabantwana bakho enonwabela ukuyenza kunye? Ncokolani malunga nezinto zemihla ngemihla eziqhelekileyo nenonwabela ukuzenza.
- Khuthaza abantwana bakho babhale ileta okanye umyalezo omfutshane ovela kuLittle Chico ewubhalela uMama Jumbo. Okanye, bavumele babhale ileta okanye imiyalezo emifutshane eya kubantu ababathandayo – baze bayithumele okanye bayise kubo!
- Cebisa ukuba abantwana bakho bazobe eyabo imifanekiso kaMama Jumbo noLittle Chico. Okanye, bangazoba umfanekiso wabo nomntu obathanda kakhulu. Bakhuthaze babhale amazwi ahambelana nemifanekiso yabo.

Who am I?

Can you match the names of the Nal'ibali characters to the pictures?

Ndingubani?

Ungawatshatisa amagama abalinganiswa beNal'ibali kunye nemifanekiso kusini na?



Bella



Hope

Neo



Afrika



Noodle

Reading club corner

Here are some days to celebrate at your club in February! Choose one or two of these special days to enjoy together this month. For example, celebrate Valentine's Day by reading or telling stories about love. This edition's cut-out-and-keep story from *Zanzibar Road* is a good example of this kind of story. Celebrate one of the authors' birthdays by borrowing a book by them from the library and reading aloud from it.

- 1 February** Meg Cabot's birthday (author of novels for children and teenagers)
- 14 February** Valentine's Day
- 21 February** International Mother Tongue Day
- 26 February** Tell-a-Fairy-Tale Day
- 28 February** Megan McDonald's birthday (author of the popular Judy Moody series of novels aimed at children aged 6–10 years)


Ikona yeklabhu yokufunda

Nazi ezinye zeentsuku eninokuzibhiyozela kwiklabhu yakho kweyoMdumba! Khetha olunye okanye ezimbini kwezi ntsuku zikhethekileyo nize nizonwabele nikunye kule nyanga. Umzekelo, bhiyozelani usuku lwevalentina ngokufunda okanye nibalise amabali angothando. Iballi lethu lolu hlelo onokulisika-ze-uligcine elivela ku-*Indlela iZanzibar* ngumzekelo omhle webali lolu hlobo. Bhiyozelani usuku lokuzalwa lomnye wababhali ngokuboleka incwadi ebhalwe nguye kwithala leencwadi uze uyifunde ngokuvakalayo.

- 1 kweyoMdumba** usuku lokuzalwa lukaMeg Cabot (umbhali weenoveli zabantwana nabafikisayo)
- 14 kweyoMdumba** uSuku lukaValentine lothando
- 21 kweyoMdumba** uSuku loLwimi lwaseKhaya lwaMazwe ngaMazwe
- 26 kweyoMdumba** uSuku lokuBalisa iNtsomi
- 28 kweyoMdumba** usuku lokuzalwa lukaMegan McDonald (umbhali woluhlu lweenoveli iJudy Moody olujoliswe ebantwaneni abaneminyaka emi-6 ukuya kweli-10)

You can find free sample chapters from many of the Judy Moody books on the official Judy Moody website – www.judymoody.com/#books. Find out more about Meg Cabot's books on www.megcabot.com.

Ungafumana izahluko simahla kwiincwadi ezininzi zikaJudy Moody kwiwebhusayithi kaJudy Moody – u-www.judymoody.com/#books. Fumanisa ngaphezulu ngeencwadi zikaMeg Cabot ku-www.megcabot.com.



Story corner

Here is the first part of a story for you to read aloud or tell. It is about Hans, who has lots of ideas – but are any of them useful?

Wise Hans (Part 1) Retold by Jay Heale Illustrations by Meg Jordi

Hans was on his way home with a large bag of money, which he had earned after many years of hard work. He had not walked far when he saw a man riding on a horse.

“Oh, what a clever way to travel!” cried Hans. “He must be a very wise man to have spent his money on a horse!”

The horseman said, “If that’s how you feel, why don’t we make an exchange? You can take my horse and I will take your gold.”

So, the horseman gave Hans the horse and in return, Hans gave him the gold. Hans felt proud as he guided his horse down the road. He kicked his heels into the horse’s side. Before he knew what was happening, he was lying in the ditch!

Perhaps he bumped his head because he soon exchanged the horse for a cow, hoping for a drink of milk. Then he exchanged the cow for a pig, because he enjoyed eating pork more than beef. After that, he exchanged the pig for a white goose, thinking he could roast the goose and fill a pillow with the feathers afterwards.

What do think Hans is going to do next? Find out next week whether his choices were wise ones in the end!



Ikona yamabali

Nantsi inxalenye yokuqala yebali onokulifunda kakhulu okanye ulibalise. Limalunga noHans, oneengcinga ezininzi – kodwa ingaba zikho kusini na ezisebenzisekayo kuzo?

UHans Osisilumko (Inxalenye 1) Libaliswa kwakhona nguJay Heale Imifanekiso nguMeg Jordi

UHans wayesendleni egodukayo ethwele ingxowa ezele yimali, mali leyo wayeyifumene ngokusebenza nzima iminyaka emininzi. Wathi engekahambi kuyaphi wahlangana nendoda ekhwele ihashe.

“Owu, yayindlela ekrelekrele yokuhamba ke le!” watsho uHans. “Makube yindoda enobulumko le enokuchitha imali yayo ngokuthenga ihashe!”

Indoda ekhwele ihashe yathi, “Ukuba ucinga njalo, kutheni singatshintshiselani nje? Ungathatha ihashe lam ze mna ndithathe igolide yakho.”

Ngoko ke, indoda yehashe yanika uHans ihashe waza yena uHans wayinika igolide yakhe. UHans wayezingca lo gama ekhwele ihashe esihla ngendlela. Wayemana elingquba ngezithende zakhe emacaleni. Waqabuka sele ethe tywa emseleni!

Mhlawumbi ngela xesha ebesiwa wabetheka ngentloko kuba wazibona sele etshintshisa ngehashe ukuze afumane inkomo, enethemba lokusela ubisi. Emva koko watshintshisa inkomo ngehagu, kuba wayekuthanda ukutya inyama yehagu kuneyenkomo. Kungekudala, watshintshisa ihagu ngerhanisi elimhlophe, ecinga ukuba angaloja aze azenzele umqamelo ngeentsiba zalo.

Ucinga ukuba uHans uza kwenza ntoni emva koku? Funda kwiveki ezayo ufumanise ukuba ingaba wakhetha ngobulumko ekugqibeleni kusini na!

CAMBRIDGE

From *Three clever thinkers* by Jay Heale © 2009
Iguqulelwe esiXhoseni ivela ku-*Three clever thinkers* nguJay Heale © 2009

In your next Nal'ibali supplement:

- Building children's literacy book by book
- A selection of children's writing sent to us
- Step-by-step through a fun storytelling activity
- A cut-out-and-keep book, *The elders at the door*
- The final part of the story, *Wise Hans*

Our tip sheets offer easy ways for caregivers and volunteers to help children become successful readers at any age – and they're available in six South African languages! Download them for free at: <http://nalibali.org/resources/>



Find us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane kuFacebook:
www.facebook.com/nalibaliSA

Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Ukwakha ilitheresi ebantwaneni ngencwadi nganye ngexesha
- Inxalenye ekhethwe kwizinto abantwana abazibhalileyo basithumelela zona
- Inyathelo ngenyathelo kumsebenzi wokuzonwabisa wokubalisa ibali
- Incwadana onokuyisika-ze-uyigcine, *linkonde ziyankqonkqoza*
- Inxalenye yokugqibela yebali elithi, *UHans Osisilumko*

Amaxwebhu ethu eengcebiso abonelela ngeendlela ezilula iimpelesi namavolontiya ezinokunceda ngazo abantwana babe ngabafundi abaphumeleleyo kubo nabuphi na ubudala abakubo – kwaye afumaneka ngeelwimi ezintandathu zaseMzantsi Afrika! Zikopele simahla ku-<http://nalibali.org/resources/>